Nzulu Lwazi: *Imvo Zabantsundu* (25 June 1912), page 1

# U Ngqika

*Ndinomntu Ngelendibik' Ezulwini.* - NGQIKA

I

U Ngqika luhabahaba lwelizwe lonke lipela; ufana nomlu wenyama, wona ati umntu wonke azitatele isicwili aye kwenza ubulungisa ngaso, ati omnye aziqashele iqasho aye kukafula ngalo; ati wumbi azityutulele inxaxheba ayekwenza ngayo into eqondwe nguye. Nam lo ngesi sicwilana ndisi tabatayo ku Ngqika, andizi kugqiba yena; kuba ibali lika Ngqika lipantse ukusitabata sonke isizwe sasema Xhoseni.

U Ngqika ngunyana ka Mlau, unina ngu Yese. U Mlau uzalwa ngu Rarabe, unina ka Mlau lowo ngu Nojoli lowa ibizwe ngaye lantaba iluxande ipezu ko Somaseti. U Nojoli ke umka Rarabe, wayezele u Khinzela (intombi), u Mlau, u Ndlambe, u Nukwa, no Ntsusa (intombi). U Rarabe kukunene kuka Palo, u Palo ezalwa ngu Tshiwo, u Tshiwo ezalwa ngu Ngconde, u Ngconde ezalwa ngu Togu, u Togu ezalwa ngu Sikom, u Sikom ezalwa ngu Nchwangu, u Nchwangu ezalwa ngu Tshawe, u Tshawe ezalwa ngu Xhosa. U Xhosa lo ke lolunye udayidayi olungenakuze lufezwe, ufana netyalike ezi ukuba kudala ziko, zinceda abantu esi-hogweni, kanti ke noko kuseko ezisaya zivela kube kusitiwa zezonazona. U Xhosa ke unjalo; yiyo lento ati akugqiba ukukonzisa zonke ezi zizwana zikoyo apa, uve ngoku zijika zisiti nanku oyena Xhosa unguye efolonywa apa e Qonce.

II

U Mlau, njengoko ndake ndatsho wabhubha esemncinane kakulu, esazele u Ngqika lo ngo Yese, no Ntimbo ngo Tsekwa; wabhubha seluko uduli lweyona nkosikazi iza kuzala inkosi; kutiwa wati ebesomisa imbola pandle, wati uyangena kwabe kungasekuko yintloko, - wajukujeleka kwa oko kwapela. Isiroro saba konina bo Ngqika no Ntimbo, kuba nabo babe ngabuncame nganto ubukosikazi, asanceda nto isiroro kuba ayidange ivuke inkosi. Kutiwe sisizwe u Ndlambe makasele ngena kulo ntombi ibizisiwe, avusele umkuluwa wake (u Mlau) imbewu. Andazi ukuba ama Xhosa ayedibene pina nelosiko le Bhaibile. U Ndlambe akayivumanga lonto, wada watetiswa komkulu kwa Gcaleka, nanguyise u Rarabe kuba waye seko; wayitabata ke okunene lontokazi, koko yati jiqi umntwana wamnye u Tuba (intombi), ayabuye izale. Ngelixesha ke u Rarabe naye waye ngaseko ebhubhele e Xuka eba Tenjini ngexesha awaye nempambano nama Qwati ngo Ntsusa intombi yake. Isizwe ngoku

sasijongise ku Ndlambe ukuba alaule anga pazanyiswa nto. Kweso situba kwakuse sandleni sika Ndlambe ukuba enziwe u Kumkani endaweni ka Rarabe uyise; kodwa akavumanga u Ndlambe ukuba isizwe silahlekele kwelocala, wapikela yena ukwalata ku Ngqika esiti nantsi inkosi yenu. Kuzo zonke intlanga ke amapakati lawa apambili adla ngokunga yitandi inkosi cnezwi layo, adla ngokukolwa sisiyamngana ayakuti amane ukusiqata; kubenjalo ke ngo Ngqika; amapakati akamfunanga ngokunga mfuni, esiti yinkosi nina le inje ubudlongodlongo? Atsho efuna u Ntimbo. U Ndlambe ngelake icala akakolwanga ngokunga kolwa ngu Ntimbo, esiti lomntwana akapilile, atsho ati "Ndobakona kukunchwaba futi?" U Ndlambe eteta ngokunchwaba futi nje utsho kuba uyise u Rarabe ufe enaye apo e Xuka, u Mlau ufe ekwanaye, ngoku kuza kufa u Ntimbo eko, aze azuzane nokuroreleka kokungati ezinkosi zigutywa nguye. Ute ngoku u Ndlambe akuqonda ukuba akaboni ngakubona kunye nepakati, akatanda kuwunqumla umsinga aze abe sengozini, ute tyisha wayekelela umxakato, nanko etuma izidyoli ngasese eziya kuxela oku Komkulu, watsho wati yena umfake u Ngqika kulandlu yakulo Tuba, ngoko ke yena ucinga ukuba ngu Ngqika omakabe yinkosi endaweni kayise. Okunene u Kumkani u Kauta mhla weza kukhuza umzi ngo Mlau no Rarabe, wamti jize u Ngqika ngesidanga sobuhlalu (igolide) ukubonisa ukuba umenza u Kumkani; u Ntimbo wanikwa intshuntshe ukubonisa ukuba uyakuzivulela indawo ngomkonto. Uyigcine ngalondlela ke inkwenkwe yomkuluwa wake wada wayalusa. Kute esutwini paya, ati kanti amapakati ako Yese, kulo Ngqika amhlohla lomntwana omnye umoya; ati kanti wona abona ukuba u Ndlambe uyabupanga ubukosi buka Ngqika, aqonda nokuqonda ukuba wona mabandla ka Mlau, u Ndlambe akawase-so, awufaka ngamandla lomoya ku Ngqika, kangangokuba u Ngqika awubonakalise ese lirwala; waqala wangumntu ohamba nxam noyise lo, kupela engqongwe ngapamakati akokwabo. Bokuba futi ebekubako amadatyana ashushu pakati kwempi ka Ndlambe nale ka Ngqika zingazi nto inkosi ezi. Ude ke u Ndlambe ngenxa yoku watanda ukuba bangabi ndawonye nonyana lo. Ute nonyana kuba wayekwa lidlongodlongo, warentula kwapela kuyise, engekazinikelwa kakuhle zonke imfanelo zakowabo, nomzi ka Nukwa (ama Gasela la) akazange ade awanikelwe, yiyo lento nanamhlanje asebubukosi obusasondele kwa Ndlambe. Isenza ezizinto nje ke le kwekwe ka Mlawu, uyisekazi u Ndlambe upikele ukuyibonga. Kude kwalelixesha u Ngqika ahlute u Futula, u Ndlambe ewakataza amapakati ake ngokupikcla ukubonga amabandla ka Ngqika esiti, "Amabandla ekwekw' am." Kwesi situba zite izitunywa czivela Komkulu kwa Kauta ezizisa umteto Ekunene zazibini, - sasodwa esiya ku Ndlambe, sasodwa esiya ku Ngqika. Ukwenjenje oku i Komkulu lalibonisa ukuba lalixolisiwe sisipato sika Ndlambe, ngoko ke alinakumnikela ukuba abe pantsi ko Ngqika. Unanamhla ama Ndlambe akazange ade abe sezandleni zama Ngqika.

*Ngo Tutula.* Ndiyakolwa ukuba u Ngqika wenziwa kwangala mapakati anje intlamba yawo ukuze amqumbise kangaka uyisekazi. Lamapakati ke ako Yese okunene ibingamadoda abungonyamara, angakwaziyo ukoyika nokuba yintonina. Apikela ukufunza kwimpi eyayicim' ilanga ka Ndlambe, nama Gcaleka nezinye izizwana ngemfazwe yama Linde. Iqinga lika Ndlambe lokuyilwa lemfazwe, watabata indwe kwizitwala-ndwe, wayifaka kumagwala, zati izitwala-ndwe zahamba mbibinxa. Uyazi ke ngokwesiko lesi Xosa, otwele indwe akamnanzile lo ungatwele ndwe, nokuba selebinza esitinina; nqwa nalento yokuba um-Xosa ekuxolele ukuqwengwa iziquluba yingqeqe, kunokuba enze ihlazo ngokujingisana nayo. Ite ityutywa ngezikali indwe ka Ngqika yile mibibinxa ka Ndlambe yabe inyakatisa ikwinele pambili kula ndwe ihlehlayo. Zazalisa lomalinde ezo zijora ziqamelisene ngengalo. Kukuze ke u Ngqika aye kuhlebela abelungu, o Qina ka Qonono.

*Ngo Nyengana* (Dr. van der Kemp). Inyengana ngokwesi Xosa, yile nqayana ingezanga kupumela ebunzi, angaba ke lomfundisi waye njalo kusinina. Ute lomfundisi akufika ku Ndlambe e Mnyameni, wati u Ndlambe inkosi enkulu ngu Ngqika; weza okunene umfundisi lowo kwa Ngqika, wavunyelwa ukuba alishumayele Ilizwi esizweni. Koko umfundisi lowo akahlalanga, unyatele e Debe napantsi kwama Hlati (Pirie), ujike wabuyela kwalapo wayevela kona.

*Ngo Ntsikana.* Uvelile u Ntsikana unyana ka Gaba, esiti tu ngakwa Ndlambe e Gqora, kwi sitili sase Ngqushwa. Lomntu ke kakade waye ngumntu walapa kwa Ngqika, wayeye bumini kwa Ndlambe, ngexesha lemibono ka Nxele; uyazi ukuba u Nxele wayesiti ama Ngqika la ahlala epete igazi, ngoko ke aya kuba zimbomvane, emke nesaqwiti. Ufikelwa li Lizwi ke u Ntsikana elapo kwa Ndlambe. Ute u Ntsikana esiza ku Ngqika wabe esiti kokona kulungileyo ukuba luti oludaba ndilugoduse ndiluse Komkulu kuba kakadc ibiludaba lwakona. Ite into ka Mlawu yakuluva oludaba luka Ntsikana yalutakazelela yasel ingena. Ate kaloku amapakati ake abunqumqesi, aye ecinga nokucinga ukuba seletshilo nje u Ngqika ukuti lento uyayingena akuko bani uyakubuye amsombulule. Aqalile ke enza umfelandawonye kwelokuba aze angalandelwa bani ukuze eve ububi bokuba yedwa. Atsho atumela kuye ilizwi eliti: “Obu bukosi uya bulahla na, njengokuba uye kuzenza i Lawo nje?” Ute yena ukupendula: “Ubukosi andibulahli, ndenzela nina isizinzo; nani sondelani ningene kulento, nditume nina ukuya kuyishumayela emaziko, na Komkulu kulo Tete.” Hayi, amqabalaka kwapela amabandla ako Yese, wada wabonakala ebuyela kwakuwo. Wabuyela kwakuwo kubonakala ukuba intliziyo yona yoyisiwe zinyaniso zika Ntsikana kuba emva koko ebemana ukuviwa, nokuba kuse mdudweni, etyandyuluka esiti: “Ndinomntu ngelendibik’ ezulwini!”

*Abafundisi*. Ititshala ziya kukolwa kukuva ukuba u Ngqika naye wayeke wangu titshala. Kute ukufika kwabafundisi waqonda u Ngqika ukuba kufike ezona zihlobo ziza kumxhasa kulanto seleyivile ku Ntsikana, wasondelelana nabo, wafunda naye o “a” kwingqekembe apa zemiti, ekwakufundwa kuzo kuqala. Ite inkosi yawazi kamsinya lamagama, kwabonakala ukuba mayibe ngu titshala, ifundise abo bangekakwazi.

*Emdudweni*. U Ngqika kutiwa ubengumdaka omnyama omde. Emidudweni ubetanda kunene ukuya kungena nezinye ingxiba eziketiweyo. Kutiwa ubewuyeka umdudo ude ube ntsuku mbini nantatu; kwale xa upakati avele umfo ka Mlau, ati ukuti tu kwake neqela lake, kunge kukufika kwa mahashe omkwelo, kuke kukweleliswe abantwana namaxego, kufumane kube sipotshongela, uqalwe pantsi umdudo. Kutiwa waka wati eye kwasemdudweni kwimi Dange, e Balura, wafika apo kuko ngxilimbela ibete yena namakaba ake aketiweyo bangamatolana kuyo, igxwala ngakuye, ipika nokuba kusisa kuse itate unyawo kunezolo; yaye imi Dange ikungele kulengximbela iyiteta, isiti

“Nants’ into yako Gxwal’ inyamakazi,

Ngcape nesigodlo, mtya netunga,

Bad’ elidawuwa lasejadu!”

Ude u Mhlekazi wafuna ukuqonda ukuba lengxilimbela ingubanina wapina? Kutiwe ke lo ngu Mqayi unyana ka Sheshegu, um Zinia. Ite inkosi yakuva ukuba ngum Zima, yakumbula ukuba kanene ama Zima ngaba Tembu abate ukuze babe kweli lizwe beza ngamakosazana, yasel’ inyuka nengalo inkosi, isiti “Hlelinje ngumntu wakowetu lo nimfihle apa?” Itsho yamhlasela yemka naye, yakupa igqiza lenkomo ukuya kuxolisa kwimi Dange. Waqala eloxesha u Mqayi uyise wo Rune no Nzanzana ukuba ngumfo wakulo Jingqi kwa Ngqika.

V

*Imbongi*. Inkosi ke ibikutanda ukubongwa, njenge nkosi zonke. Kutiwa imbongi yake ibisiti tu enkalweni iwatsho nokuba mabini pambi kokuba iye kungena Komkulu. Kute ke ngomnye unihla imbongi ihamba namanye amanene bexoxa ngomcimbi owawushushu, suke yade yaya kufika ingakange itsho; yotuka ngento seyibharamla isiti: “Inani ukuba into isidumise isidumise, zesiti sakubon’ ukuba sesiqhelile isiti tya? - Yibambenil!” Yapuma ngezituba lomini imbongi yakomkulu ukuya kungena ngesiko.

Yake yati enye indoda, eyayi bunxhatu-nxhatu, (koba ngabom ingenguye u Bomboto), ngokubona amatokazi azuzwa yimbongi, yacinga ukuba nayo ike ilinge ngenye imini. Okunene ke ivakele seyisitsho ngomnye umhla, koko ite isati: "Awu! Awu!" yabetwa kakubi emlonyeni kwatiwa: - "Yintoni lento imbi kangaka? Ihlambela bani? Yibambenil" Yeka ke imbongi entsha ukubabeleka abazicatyana ukuya kwela kwantsiza. Kutiwa ibiseyimana ukuti xa ikanuka inkomo itumele umntu komkulu ayokuti "iti landoda imbi iyakude ize ngokwayo ke." Okunene ubedla ngokugoduka eqhuba umtunywa lowo. Ngaxa limbi indoda leyo ibiya iti tu ngokwayo enkalweni, imemeze iti "Ndode ndize kufika ke!" Bekusiti ke kwa oko kukutshwe umfana, ayihlangabeze lonto. U Ngqika ubetanda ukubongwa nayi nkawu, - kute ngexesha abelungu ababese Ngqakayi, batanda ukutenga inkawu ebantwini, ngentsimbi, ubesiti ngaxa limbi u Ngqika ayibambe inkawu ayiyeke ihambe esiti: - "Abantu bakowetu aba nibakonxa kuba benzenina, intlaka seyide yabubuqenene nje ingenamtyi?" Yoti ke inkawu ukwenjenjeya, ukuya kutshona esingeni, ihamba inyeka, avakale ke u Mhlekazi: - "Yintonina lent' ibuso bumnyama bunje, ayitshon ukuti enkosi ka *Mlau*?"

## VI

U Ngqika uzele kakulu, njengokuba nabafazi bebelinani elinobom; kodwa ivela tanci ibe ngu Maqoma, ozelwe ngu Notonto wenziwa uku Nene, ngawo lama Jingqi angevayo. U Tyali ulandele u Maqoma, yena ke uzelwe ngu Nonibe, wenziwa i Xhiba, yiyo imi Ngcangatelo le. U Sandile eyona nkulu, uvele mva le yena, ngongabanga sondliwa nanguyise lowo, yena wondliwe ngu Tyali no Maqoma, bamkulisa kakuhle, bade bamalusa, bamnikela ubukosi bake, waye umfo naye ebatobele abakuluwa abo.

U Sandile ke uzalwa ngu Sutu, ngawo ama Mbombo la. Eligama liti Sandile, lenkosi yayitiywa ngesilungu kusitiwa ngu "Alexander," kekaloku tina asikwazanga ukutsho, saba siyapelela ku "Sandile." U Ngqika ubengumfo onezwi lake; noko ebengeciko nakalipa kwatini, kodwa utandeke kakulu kubelungu nakubafundisi ekufikeni kwabo, waye etandwa ngokungazenzisiyo sisizwe sake. Unchwatyelwe e Mkubiso(Burnshill) e Xesi.

Mandisipete esam isicwili Mhleli ngokuti:

Ungepindi kwedini yapesheya komlambo,

Pesha komlambo pesha ko Tsukela,

Untambanan' enkulu yase Ntla-kwendlela,

Sike sayixhuzula tina bange

Zantsi kwendlela,

Sisenzel’ ukuz’ iqelane nekaya;

Sayikuleka ngenximba yase Xesi, Wona

mlambo mkulu wanchwabel’ u Ngqika,

Wanchwabel’ u Ngqika u Kumkani wezizwe.

Sinika!!!

Nditi vul’ umtyi nditete ngenkosi yako,

Kuba namhla le nditeta ngayo yeyokugqibela,

Nendingayi bonganga namhla ndiyibongile;

Nendingayi bonganga andisayi nqene ngaluto;

Oko ’de ndafika naku Sotshulubembe,

Ndafika ku Mahlek’ abaneligqo,

Ku Bantu bakulis’ amev’ abuy’ abahlaba, Kazi

bebenga wabonina bona?

Umaqubek’ embekeni nakonina,

Kazi ngunobanin’ igama lomzi wake?

Umpati welizw’ elipatel’ u Tixo,

U Palo ufune wafuna wancama, Qond’ ukud’

ayokuma nge Ntaba zika Vuba,

Wabuya ngokufa samnchwab’ e Mtonjeni.

U Ndlainbe ufune naye wancama,

Qond’ ukud’ ayokuma ngeze Qagqiwa.

Ziyabuz’ izizwe ziti babefuna ntonina

Tina ke sizipendula ngelizwi,

Kuba siti: “elizweni likabanina?”

Sitsho sibuye siguqule,

Siti: “babekaulel’ ukukanya kwe Lizwi.”

Babetet’ eli lizwi sisalitetayo,

Eliti: “Ubukumkani Bako mabufike.”

Ikwekwe ka Mlau yon’ ayizulanga,

Yati nqote yeza nokanyo ngesandla.

Yalunik’ i Ngqakayi ibe sisabelo,

Yalunik’ u Nonibe abe ngunina,

Yiyo lont’ i Lovedale yacelwa ku Tyali.

Ngu Lwaganda ikwekwe ka Yese,

Ugxib’ olumdak’ olunezinja zalo,

Zike zakonkot’ e Buwa nase Burna,

Zaty’ umnt’ e Mtontsi nase Ngcelwane,

Int’ eyati ku Maqoma “gcin’ abafundisi.”

Yatsh’ ilizwe yalizaza ngo Mhle-ka-Nyawo,

Kub’ isiti namhl’ ifumen’ inkunqele zamagqira,

Int' eziyakutsh’ ugutyulwe lomzi ka Palo,  Lipume

ngendlu yalo lonk’ ishwangusha.

Ishwangusha leratshi, lobudenge, nokunqena.

Kub’ isiti namhl’ ifumen’ abantu,

Abantu “bokuyibik’ e Zulwini.”

Uyabona ke namhla Sotshulubembe!

Lala ngoxolo kulondawana yako,

Zonk’ izinto zisele zalunga ngasemva,

U Maqom’ ubagcinil’ abafundisi,

Ngezimini seyisit’ abapet’ izikuni,

Sesihamba sitshangatshangis' ezinyameni,

Asisaqoqonyi nakwi zizw' ezinamandla,

Abakwa Songcangcashe sebejike nebala,

Oka Koyi waya wafel' ezitokotokweni,

Oka Ntintili ngokunjalo naye,

Ngoka Dyoba owabuya magcwizigcwizi.

Oka Jabavu seletiinbe wasakasa,

Oka Dwane akuk' ap' angafikanga, U

Kondile no Gonya babazizi-tati.

Oka Rubusana selesemandleni. Oka

Mzimba noka Koti sebevel' e Lundini

Abo Mashaba sebepum' eziqitini.

Oka Anta waya wabulaw' e Swazini, Luhlohlo

ke nkosi kungatshon' ilanga,

Ndikuxelel' ukulunga kwent' oweza nayo.

Ngezimin' inyoka siyazinyatela,

Sizinyatele kungehli nto Sotshulubembe;

Ngezimin' akuseko nchwaba lanchuka

Akuseko ncwaba lancuka Sotshulubembe;

Ngezimin' isizwe sinyukile,

Kub' igwele lifikile Sotshulubembe;

Nezinkomo 'khe sazifisa zonke,

Sabingelel' into yako Sotshulubembe;

Nabantu bafa bamawaka-waka,

Balidini lento yako Sotshulubembe.

Yitsho ndikuyeke Kumkani.

Kumkani wakwa Mteto ka Mteto.

Nesakusilibala tina zinto zenu.

Ncincilili!!!